Isalathiso: 20190220-1916
Inombolo yefoni: 12/17/4
Imibuzo: AW Africa

INgcaciso eMfutshane yeCandelo lokuXhasa amaZiko ngeziBonelelo: 0001/2019

Iya: KuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBacebisi beZifundo, kuBasebenzi aBanika iNkxaso kuBafundi, kwiiNqununu nakooSihlalo bamabhunga olawulo ezikolo zikarhulumente eziziiprayimari nezikolo ezizisekondari

ISihloko: Uqeqesho olusisiseko olumalunga neelayibrari zezikolo ngeholide kaJuni nekaSeptemba ngo-2019

1. ISebe leMfundo esiSiseko (ISebe i*DBE*) liqaphele imfuno engamandla yokubonelela ngoncedo kulawulo nakwimisebenzi eyenziwa kwiilayibrari zezikolo.

2. U-*EDULIS* (*Education Library and Information Services)* wanikwa imvume liSebe leMfundo leNtshona Koloni ukuba aqalise olu qeqesho lweSebe i*DBE* lweelayibrari zezikolo ngeeholide zezikolo ngoJuni nangoSeptemba kuzo zonke izithili.

3. U-*EDULIS* uya kuqeqesha ootitshala abayi-60 ngesithili ngasinye yaye kuya kukhethwa kuqala abasebenzi abakwilayibrari yesikolo. Ngelishwa, olu qeqesho luvumeleke kootitshala kuphela. Silungiselela iiseshoni ezimbini ngesithili ngasinye kunye nootitshala abayi-30 ngeseshoni nganye kwiintsuku ezimbini ezilandelelanayo.

4. Injongo yale ngcaciso imfutshane kukunazisa ngolu qeqesho kwangaphambi kweenyanga ezintathu.

5. Ootitshala abanqwenela ukuba yinxalenye yolu qeqesho, mabaloge bangene kule-*URL*, ilandelayo: https://docs.google.com/forms/d/1K-gtQa54BMp-wp5Li3k-ZN9C-u02w1KoZgWLOXnkzmE/edit babhalise ngokuzalisa olu xwebhu luka-*Google* baze balungenise.

6. Kucelwa wazise okukule ngcaciso imfutshane bonke abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-S ABRAHAMS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE OBAMBELEYO WOCWANGCISO LWEZEMFUNDO
UMHLA : 2019-02-26